# KUHLATYWA IKHWELO LEZICELO ZEZIBONELELO ZONCEDO LWENKXASOMALI KOWAMA2022/23: **UPHUCULO LWENTLALO NOPHUHLISO LWABANTWANA ABASELULA**

ISebe leSixeko saseKapa loPhuculo lweNtlalo noPhuhliso lwaBantwana abaseLula (SD&ECD) lihlaba ikhwelo kwimibutho ebhalisiweyo ephakathi kwemida yoomasipala beSixeko saseKapa lokuba ingenise izicelo.

Izicelo kufuneka zigxile ekuboneleleni ngeenkqubo zobuchule bokuyila kunye nokwenza iinguqu kunye/okanye iinkonzo ngokubhekiselele kuyo nayiphi na kwezi zilandelayo:

**Inkqubo yabantu abahlala ezitalatweni**

- Eyona njongo iphambili yeNkqubo yeGIA kukubonelela ngenkqubo yokubuyiselwa kwimo yesiqhelo ngokwezigaba ngokuthi kuqinisekiswe iindawo zokulala ezongezelelweyo kwiishelta okanye kwiindawo ezikhuselekileyo
- Injongo yesibini kukubonelela ngenkqubo yophuhliso/indawo yokuhlala yabantu abahlala ezitalatweni, kugxilwe ekungenelelweni ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi, ukuziphatha gwenxa ekuhlaleni kunye nokubuyiselwa kwimo yesiqhelo
- Okwesithathu, ubonelelo ngeenkqubo ezikhuthaza ukushishina kwabantu abahlala ezitalatweni nokwenza ezi nkqubo zibe zezizinzileyo.

**Abafaki zicelo kufuneka baqaphele ukuba isebe lineenjongo zokwandisa inzuzo kutyalomali lwalo (ROI) ngohlobo lwenkxasomali ehlanganeyo oluya kubandakanya icandelo lokudluliselwa kwezakhono kunye nokulungelelaniswa kweziphumo zeprojekthi kwiSicwangciso soPhuhliso esiHlanganisiweyo nakwiinjongo zokufezekisa ushishino.**

Iziphakamiso sesibonelelo soncedo lwemali kufuneka zibhalwe kwifomu yesicelo esemthethweni (efumaneka kuzo zonke ii-ofisi zamabhungana nakwi-intanethi www.capetown.gov.za/grants-in-aid.

Iziphakamiso zeeprojekthi kufuneka zigxile kuxanduva lukamasipala kwaye ziphuhlise nangakumbi iinjongo zezicwangciso zeSixeko njengoko zichaziwe kwi-IDP, kwisiCwangciso soHlumo lwezoQoqoqosho nakwisiCwangciso soPhuhliso lweNtlalo yoLuntu, kananjalo zixhase iminqweno yeSixeko yokwakha isixeko esinika amathuba, isixeko esikhuselekileyo, isixeko esikhathalayo, isixeko esibandakanyayo kunye nesixeko esilawulwa ngokufanelekileyo. Xa abafaki zicelo belungisa uhlahlo-lwabiwo-mali lwabo kufuneka baqwalasele uMgaqonkqubo ongeZibonelelozoncedo, ofumaneka ngokuthi ufake isicelo sawo okanye ngokungena kwiwebhusayithi yeSixeko.

Isixamali esimalunga neR8.4 yezigidi siyafumaneka ukuze sinikezelwe. Ubuncinane bemali yesicelo kwiprojekthi nganye yiR15 000. Abafaki zicelo kufuneka babe nenyani xa bequlunqa iziphakamiso njengoko inkxasomali ilinganiselwe. Ayingabo bonke abafaki zicelo abaya kufumana inkxasomali kwaye iSixeko asizi kuxhasa zonke iziphakamiso.

Zonke izicelo kufuneka zikhatshwe koku kulandelayo:

- Inombolo yovimba ongeenkcukacha zababoneleli ngeenkonzo weSixeko. Umbutho kufuneka ubhaliswe kuvimba ongeenkcukacha woLawulo loBonelelo ngoMsebenzi weZiko: www.capetown.gov.za/Eservices
- Umbutho kufuneka ubhaliswe kuvimba ongeenkcukacha kaNondyebo weSizwe: MAAA0524789 https://secure.csd.gov.za/
- Ukuba umbutho ubhalise njengomhlawuli weRhafuntengo, umbutho lowo kufuneka ungenise i-invoyisi enerhafu enguziro eza kuquka inombolo yeVAT yeSixeko engu4500193497.
- Iikopi eziqinisekisiweyo zezazisi zamalungu ebhodi / zekomiti yolawulo OKANYE iikopi eziqinisekisiweyo zezazisi zikasihlalo wombutho kunye nonondyebo.
- Ingxelo yeRhafu-ntengo enguzero ukuba uqinisekiswe njengomhlawuli weRhafu.
- Imizuzu yeAGM yombutho - engekho ngaphezulu kweenyanga ezili-18.
- Ikopi yeengxelo zemali eziphicothiweyo zakutsha nje okanye isatifikethi sophicotho ukuba isibonelelo senkxaso-mali besifunyenwe kwiSixeko kwiminyaka-mali edlulileyo. Isixa-mali sesibonelelo esithe safunyanwa kufuneka sichazwe. Ukuba isixa-mali sesibonelelo-ncedo ebesifunyenwe ngaphambili kwiprojekthi nganye besingama-R50 000 okanye ngaphantsi, kufuneka ufake ikopi kuphela yengxelo yenkcitho-mali yokugqibela yonyaka odlulileyo.
- Ikopi yomgaqosiseko wombutho
- Ikopi zeeakhawunti zeenkonzo neentlawulo zikamasipala zakutsha nje zombutho (ukuba kufanelekile).
- Isatifiketi esibonakalisa ukuba ungumhlawuli weRhafu (azisayi kwamkelwa izicelo ezingakhatshwa sisatifiketi esibonakalisa ukuba ungumhlawuli weRhafu).
- Umhla wokusekwa kombutho.
- Uhlobo lombutho (NPO, inkampani yecandelo 21)
- Iinkcukacha zesibonelelo-ncedo esifunyenwe kwiSixeko
- Iinkcukacha zesinye isibonelelo senkxaso-mali efunyenwe kwiSixeko kunyaka-mali omiyo
- Ingcaciso ecacileyo yeprojekthi ezakumiselwa
- Inkcazelo ngendlela isibonelelo senkxaso-mali esiza kukhuthaza ngayo esizakuvula ngayo amathuba emisebenzi kunye nenani eliqikelelwayo lamathuba omsebenzi aza kuvulwa
- Ucazululo ngokucacileyo lweendleko zeprojekthi
- Umhla wokuqala nokuqukunjelwa kweprojekthi
- Isicwangciso esicacileyo sendlela yokusebenza esicacisa iprojekthi isiphakamiso senkxaso-mali ekufakwa isicelo sayo
- Amaxwebhu angeniswa ngeintanethi kufuneka angeniswe ngefomathi yePDF, ubukhulu ibeyi2MB kuxwebhu ngalunye.

Abafaki zicelo kufuneka bazifunde kakuhle iifomu kwaye baqinisekise ukuba baqhoboshela onke amaxwebhu ekufuneka ekhaphe izicelo zabo.

Ukusilela kokufakwa kwawo onke amaxwebhu afanelekekileyo kungakhokhelela ekubeni isicelo sithathelwa ngqalelo.

I-SD&ECD iya kubamba iseshoni yengcaciso phambi komhla wokuvalwa kokwamkelwa kwezicelo, kumaqela anomdla. Unxibelelwano oluqinisekisa umhla weseshoni yengcaciso luya kuthunyelwa kusetyenziswa zii-ofisi zethu zeengingqi ezifanelekileyo.

Nceda uthumele i-imeyile okanye usifake ngesandla isicelo esigcwalisiweyo, esihamba namaxwebhu axhasayo, kuSocialDevelopment@capetown.gov.za okanye kwii-ofisi zeSebe loPhuculo lweNtlalo noPhuhliso lwaBantwana abaseLula ezikufutshane nawe ngo12:00 ngowe7 kweyoMnga (Disemba) 2022:

| | | |
|---|---|---|
| **UMMANDLA OKUMNTLA** | Kumgangatho wokuqala, Bloemhof Building, 112 Edward Street, Bellville | 021 444 3076 |
| **UMMANDLA OSEMPUMA** | Kumgangatho osezantsi, Omniforum Building, 94 Van Riebeeck Street, Kuilsrivier | 021 400 9117 |
| **UMMANDLA OSEMBINDINI** | Unit 201, Block 2, De Tijger Office Park, Hannes Louw Drive, Parow | 021 444 2422 |
| **UMMANDLA OKUMZANTSI** | Kumngatho wesithathu, 200 Main Road, Claremont | 021 444 2880 / 021 444 6601 |

Zonke izicelo zesibonelelo senkxasomali ziyakuthi ziphononongwe ngokungqinelana noMgaqonkqubo ongeZibonelelo zoncedo kwaye kufuneka zithobele uMthetho ongoLawulo lweziMali zikaMasipala, uMthetho 56 wango2003.

**Qhagamshelana noGenevieve Adams ku021 400 1139 okanye SocialDevelopment@capetown.gov.za ukuze ufumane iifomu zesicelo zesibonelelo ezisemthethweni okanye ngeenkcukacha ezithe vetshe.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA159/2022

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.